

ISIXHOSA NATIONAL
LEXICOGRAPHY UNIT
IZIKO LESIZWE LOCHAZO-
MAGAMA LESIXHOSA



Limiselwe njengenkampani elawulwa ngokwegunya leCandelo lama-21 loMthetho oyi-Companies Act, 1973.

Established as a company limited by guarantee under Section 21 of the Companies Act, 1973.

INGXELO YONYAKA 2012 | 2013 ■ ANNUAL REPORT 2012 | 2013



Umbono

Ukumisela iziko lesichazi-magama elinesiseko esiqinileyo, elikhupha izichazi-magama ezikumgangatho ophezulu nelinika inkonzo ekusulungeka kukodwa kubantu abantetho isisiXhosa ngenjongo yokuba ulwimi lwesiXhosa lube lulwimi olusetyenziswa kwezemfundo, kwezenzululwazi, kwezorhwebo nakwezopolitiko.

Ingxelo-msebenzi

Ukubhekisa phambili ulwimi lwesiXhosa ngendlela esindleka abantetho isisiXhosa ngokubhalwa, ngokuphuhliswa nangokukhuthazwa kokusetyenziswa kwaso kuzo zonke iinkalo khona ukuze kube nokubuyiselwa isidima saso nokuhlonitshwa kwaso njengolwimi oluyintetho yesizwe.

Isibhambathiso/umnqophiso

Eli ziko lizimisele:

- ➔ Ukusebenzisa igunya lalo elikumgaqo-siseko;
- ➔ ukuphenduliswa;
- ➔ ukwenzela izinto ekuhlени;
- ➔ ukubonelela ngezichazi-magama neenkono ezikumgangatho ophezulu;
- ➔ ukubonisa intlonipho
- ➔ nokuzinikezela kumsebenzi walo.

IZiko lesiChazi-magama lesiXhosa leSizwe libhaliswe njengombutho ongenzi ngeniso kwaye inombolo yalo yobhaliso ithi 2001/001015/08 kwaye lisekwe ngokwemimiselo yeBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika.

Okuqulathiweyo

1.	Ingxelo kaSihlalo	5
2.	UmThetho obandakanyekayo	6
3.	Imisebenzi yeZiko	6
4.	Ukugcina iZiko lisebenza	6
5.	Ulawulo lweZiko	7
5.1	Ubudlelwane phakathi kweZiko loChazo-magama lesiXhosa neYunivesithi yaseFort Hare	7
5.2	IBhodi yoLawulo namagunya ayo	8
5.3	Imingeni yezolawulo egagana nayo iBhodi	8
5.4	Iintlanganiso zeBhodi	9
6.	Abasebenzi beZiko loChazo-magama	11
6.1	Uphuhliso lwabasebenzi	11
7.	Imisebenzi	11
7.1	Ulawulo lwabaSebenzi nemiThombo yeMali	11
7.2	Iinkqubo zolawulo lweOfisi nemigaqo	12
7.3	Unxibelelwano nentengiso	12
7.4	Ubambiswano neenkomfa	13
8.	Ukwenziwa kwesichazi-magama	14
8.1	Ingxelo yephulo loku-1: Concise Greater Dictionary of IsiXhosa	14
8.2	Ingxelo yephulo lesi-2: Iphulo lokuqulunqwa kovimba weenkukacha isichazi-magama esilwiminye	18
8.3	Ingxelo yephulo lesi-3: IsiChazi-magama seziKolo seziBalonzulu neNzululwazi	22
9.	Izicwangciso zolawulo: 2011 – 2013	28

IBhodi yabaLawuli

(eyatyunjwa ngowo-1 kuTshaz'iimpuzi 2010)

USihlalo : Gqr. M-W Jadezweni
ISekela-sihlalo : Gqr. SS Mdaka
Amalungu eBhodi : Mnu M Tanda
Gqr. N Mkonto
Gqr. O Dzingwa
noNjing DN Jafta

Abaseki beZiko:

Mnu L Bambelo, Njing S Gxilishe, Njing S Satyo,
Mnu Dyubhele, Mnu T Mxowa, Mnu Maqungu,
Nksk Sili, Mnu T Bhengu, Mnu Sobahle,
Nksk Mgadle, Nksk Nongxe, Nksk Mgabadeli,
Nksk Ngcofe, Nksk Nongxaza



Idilesi yeziko:

IsiXhosa National Lexicography Unit
University of Fort Hare | Private Bag X 1314 Alice | 5700
Eastern Cape | South Africa

Amanani omnxeba: (040) 602 2082 / 2672 / 2024
Amanani efeksi: (040) 602 2590

I-imeyile: zwababa@ufh.ac.za
Iwebhusayithi: www.xnlu.ufh.ac.za

Abaphicothi-ncwadi bangaphakathi:

Marais & Smith Chartered Accountants (SA)
2 Scherwitz Road | Berea | East London 5241

1 Ilizwi likaSihlalo

Unyaka wama-2012/13 ubalasele ngokutshintsha kwezinto kwimbali yeZiko lesiChazi-magama. Ngalo nyaka, zonke izinto ziqale kakuhle. Isicwangciso esiqulunqwe ngobuchule siba sisiseko sempumelelo yalo naliphi na iziko. Ukuzimisela nokuzinikezela emsebenzini ekuzeni kuphela konyaka wama-2012, ukulungiselela unyaka wama-2013, kuko okube ngunozala weziqhamo ezincomekayo kwiZiko lesiChazi-magama. Sibamba ngazibini kuwo onke amalungu eBhodi ngokuzinikela kwawo okubangele ukusebenza ngokungenamagingxigingxi kweZiko lesiChazi-magama.

Eyona njongo ibiphambili kulo nyaka ibe kukuzaliswa kwesithuba esiye savuleka ngokumka kukaMnu uJulius Dantile ekuqaleni kowama-2012. UMnu uZola Wababa ube nakho ukusigcina isibane sikhanyisile njengebambela loMhleli oyiNtloko. Inkxaso engagungqiyo aye wayifumana kuNksk Lorna Adonis yenze ukuba uMnu uZola Wababa ayitsale iogoqoze inqwelo ngokungaya ayitsalwa ngumqheliswa njengoko ebesemtsha kulo msebenzi ngelo thuba. Ngenene kweyoMqungu 2013 iBhodi yabaLawuli yandulula ukutyunjelwa kwakhe kwisikhundla soMhleli oyiNtloko. Linyathelo elo elathakazelelwa ngovuyo nogcadiyo njengoko

lalitolika ukuziswa kozinzo kwiZiko lesiChazi-magama ukuze libe nokusebenza ngokufanelekileyo. Isikhundla soMncedisi-mhleli sisadidiyelwa. Amehlo ethu aye agxila ngamandla kumongo womsebenzi wethu - ukwenziwa kwezichazi-magama. Isichazi-magama sezibalonzulu sibe phambili kwimida esiye sazisikela yona. Esi sicwangciso sibe yingcinga ezibulayo – ukwenziwa kwesichazi-magama esijolise kwisifundo esithile. Njengokuba iZiko lisiza neli phulo litsha nje, oko kwenzeka kanye ngaxeshanye namatiletile



eYunivesithi yaseFort Hare okuzama ukubambisana neZiko lesiChazi-magama ekuqulunqweni

kwesigama sezifundo ezahlukeneyo kwiifakhalthi zeYunivesithi. Oku kukuzalisekiseka kwephupha leZiko lesiChazi-magama lokuphuhlisa ulwimi lwesiXhosa njengolwimi lokuhlohla izifundo kumaziko emfundo.

Iziko esimise iintente kulo, iYunivesithi yaseFort Hare, lizivule gengelele iingcango zalo kwiZiko lesiChazi-magama, gxebe, kulwimi lwesiXhosa buqu, ngaloo ndlela liqaqambisa ubunganga bayo bokuba yiYunivesithi eyondle isizwe esimnyama. Kuchulumancisa kanobom oku! Siziva sisekhaya kwaye sizingca ngakumbi ngale Yunivesithi. Kananjalo sinethemba lokuba namagingxigingxi phofu angathwalisi mehlo kangako aza kuba yinto yezolo kungentsuku zatywala.

Oogxa bethu, olishumi amaziko ezichazi-magama ezinye iilwimi, akufumana kulula ukunxibelelana nathi. Kananjalo ayibeka elubala eyokuba iZiko lesiChazi-magama lethu liziko elingumzekelo nekunokufundwa lukhulu kulo. Iyasichulumancisa ke loo nto. IZiko loChazo-magama lesiXhosa leSizwe linethemba lokuba i-PanSALB iza kuyonyula iBhodi yabaLawuli entsha njengoko ixesha leBhodi esezintanjeni liphelile. Inkxaso esiyifumana ku-PanSALB sileli Ziko siyibulela ngokungazenzisiyo.

Gqr. Mhlobo Jadezweni

USihlalo weBhodi yabaLawuli

IZiko loChazo-magama lesiXhosa leSizwe

2 UmThetho obandakanyekayo UmThetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika, 1999

IZiko loChazo-magama lesiXhosa leSizwe lasekwa ngokwemiqathango yecandelo 8(8)(c) lomThetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika, 1999 (umThetho we-10 kowe-1999), lisekelwa ukuba lisebenze njengequmrhu elingenzi ngeniso phantsi kwecandelo lama-21 lomThetho wamaQumrhu, 1973 (umThetho wama-61 kowe-1973). IZiko eli liya kungqiyama kwimizamo yokuphuculwa kolwimi nasekuthobeleni imigaqo-nkqubo yeBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika.

Eminye imithetho elisebenza phantsi kwayo iZiko loChazo-magama lesiXhosa yile ilandelayo:

- UmThetho wamaQumrhu (umThetho wama-71 kowama-2008);
- UmThetho woLawulo lweMali kaRhulumente (umThetho woku-1 kowe-1999) kunye nemiMiselo kaNondyabo weSizwe (yomhla wama-25 kuCanzibe 2002);
- UmThetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika (umThetho wama-59 kowe-1995) kunye nemiMiselo ephathelele kwimiqathango neemeko zomsebenzi yabasebenzi beBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika;
- UmThetho woHlengahlengiso lweNkonzo zabaSebenzi bakaRhulumente (umThetho wama-30 kowama-2007).

3 Imisebenzi yeZiko

Imisebenzi yeZiko, ngokwemiqathango yomGaqo we-14 lomGaqo wamaQumrhu, iya kuba kukusungula, ukulondoloza, ukuqoshelisa nokuphucula kumathuba ngamathuba ukuqulunqwa kwesichazi-magama esilwiminye okanye okunye okuqulunqwayo ngolu hlobo:

[a] ngokuqokelela, ukucwangcisa nokugcina, kwimeko yochazo-magama esebenzayo, isigama sesiXhosa;

[b] ngokuhlela nokupapasha ingqokelela yamagama ngokwemigaqo yochazo-magama kwimo yencwadi okanye yekhompuyutha;

[c] nokuvumela ukufikelelwa kweencwadi nezinye izixhobo zeZiko ngabaphandi ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo webhodi yabalawuli.

4 Ukugcina iZiko lisebenza

IZiko lisebenza ngenkxaso-mali eliyifumana kuNondyabo weSizwe, nethi ithunyelwe kwiBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika liSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe. Ngokwengxelo yocazululo lwemali, iZiko libe nengxowa yemali ngenxa yezithuba ezingazaliswanga neyethuba lokungabikho kwebhodi yabalawuli phambi kokubekwa kwayo ngomhla woku-1 kuTshaziimpuzi kowe-2010. Njengoko le ngxowa ingaqinanga, iBhodi yabaLawuli nabaPhathi beZiko basebenza nzima bekhangelama macebo wambi abanokunyusa ngawo ingxowa yeZiko khona ukuze iZiko libe nakho ukuwuphumeza ngokuncomekayo umsebenzi walo. Kunyaka-mali ekuphononongwa wona, iBhodi yabaLawuli ihleli iintlanganiso zesiqhelo ezintathu. Ezi ntlanganiso zilidla iZiko

mayela ne-8% semali esisabelo salo. Kuqikelelwa ukuba inkcitho yeBhodi yabaLawuli ingagcinwa ikumyinge wesi-8% wesabelo-mali sowama-2012/13. Eyona nkcitho ininzi nethatha mayela nama-73% esabelo-mali yimivuzo yabasebenzi. Kuthelakelelwa ukuba imivuzo yabasebenzi iya kunyuka iye kutsho kuma-97% kunyaka-mali wama-2012/13 xa kuthe kwazaliswa zonke izithuba ezikhoyo. Okwakalokunje, iZiko eli linezi zithuba zilandelayo: uMncedisi-mhleli omnye, uMhleli omnye nabahleli abangezantsi ababini. Ngenxa yokungazaliswa kwezi zithuba, iZiko liye laqhwaleta, alabi nakho


ukufikelela kumaphulo athile abalulekileyo. Ngeso sizathu, iZiko alisokolanga kuphela ukuhlangabezana neminqweno yeBhodi yabaLawuli kodwa lifumana kunzima ukuphumeza umsebenzi walo wokondla isizwe ngolwazi.

Kuqikeleleka ukuba yimali eyongeziweyo engama-R600 000 eya kufuneka ukuze kuzaliswe ezi zithuba zikhoyo. Ukunyuka kwemali esisabelo nokunyuka kwemali yentengiso yeencwadi akuyi kwenza mahluko mkhulu ngenxa yokwehla kweentengiso okubangelwa kukuqiniswa kwebhanti kwisabelo-mali kurhulumente nakumacandelo angasese.

Omnye umngeni eligagana nawo eli Ziko kukuba nangona imveliso yeZiko ibaluleke ngokukodwa kumaziko karhulumente nakumacandelo angasese, kukhangeleka ngathi akukho nalinye icandelo eliwuthatha njengobalulekileyo umsebenzi weli Ziko. Kumacandelo karhulumente, umzekelo, kuyahlungisa ukuqaphela ukuba yimbinana engephi kwisebe lezemfundo ekuqaphelayo ukubaluleka komsebenzi weZiko ekwakheni isizwe esinemfundo nolwazi. Ngokuphathelilele koku, iBhodi yabaLawuli yenza konke enakho ukucebisa nokumisela izicwangciso zentengiso nezonyuso lwengxowa.

Kuhlalywa ikhwelo kubo bonke abanomdla okanye abachaphazekayo ukuba beze neqhinga lokunyusa ingxowa. Kwakhona iBhodi yabaLawuli iceba ukungenela iphulo lokuhamba isazisa abantu ngokubanzi ngomsebenzi weZiko. IBhodi inethemba lokuba iqhinga elinjalo lingazisa ingeniso encomekayo kwintengiso yezichazi-magama kwaye kwakhona linganegalelo kuphuhliso lwesiXhosa njengolwimi.

Itshati yoku-1: Inkcitho yesabelo sonyaka esisuka kwiBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika



5 Ulawulo lweZiko

5.1 Ubudlelwane phakathi kweZiko loChazomagama neYunivesithi yaseFort Hare

Iziko loChazomagama linesivumelwano neBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika kunye neYunivesithi yaseFort Hare. Ngokwesi sivumelwano, iBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika inoxanduva lokuxhasa ngemali eli Ziko ukuze libe nokwenza umsebenzi walo. IYunivesithi yaseFort Hare ibonelela ngeenkono zolawulo lwemali, ulawulo lwabasebenzi, inkxaso kubuchwepheshe beekhompyutha nangokubonelela iZiko ngendawo yokusebenzela. Kwisabelo seZiko esisuka kwiBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika, iYunivesithi ifumana kuphela isi-5%. Asingeyifihli into yokuba iYunivesithi yaseFort Hare inegalelo elincomekayo ekukhulisweni nasekuphuhliseni kolwimi lwesiXhosa nabantu baso.

Nangona kunjalo, kodwa ke ubudlelwane phakathi kweZiko neYunivesithi bunayo imingeni ekhoyo. Zimbini iinkalo ezithiwe mbende yimingeni engumkhuhlane wexhego. Kwinkalo yolawulo, iZiko lifumana ubunzima obukhulu ekusebenzisaneni kwalo neCandelo lezeMali kunye nelezaKhono zabaSebenzi. Lizamile iZiko kumaxesha ngamaxesha ukuyilungisa le meko ngokuthi likhwebe iintlanganiso nabaphathi beYunivesithi ukulungisa

le mingeni. Le meko ilibeka iZiko loChazo-magama kwimeko enzima kakhulu ingakumbi ngokuphathelele kwiingxelo zophicotho-ncwadi eziziqulunqwa ngamaxesha athile. Ukuza kuthi ga ngoku, onke amatiletile azanyiweyo ukulungisa ubudlelwane phakathi kwala maziko mabini abe zizithukuthuku zenja zona ziphelela eboyeni.

5.2 IBhodi yabaLawuli namagunya ayo

Ngokwemiqathango yomThetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika, iZiko loChazo-magama lilawulwa ngokwemigaqo yeenkampani. Ngaphezu koko, iZiko loChazo-magama libekwe esweni yiBhodi yabaLawuli (ebizwa apha ngokuba yiBhodi). Umsebenzi weBhodi ubalulekile ekuncediseni iZiko loChazo-magama ukuba lenze umsebenzi elimiselwe wona kwaye lithobele imigaqo, imimiselo neenkqubo zeZiko loChazo-magama. Eminye imisebenzi ebalulekileyo yeBhodi yile:

- [a]** ukuqinisekisa ukuba imigaqo-nkqubo yeZiko loChazo-magama ihambelana nezicwangciso zolawulo zesizwe zeBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika,
- [b]** ukuncedisa iZiko loChazo-magama ukuba lenze umsebenzi elimiselwe wona kwaye lithobele imigaqo, imimiselo neenkqubo ezisemthethweni,
- [c]** ukubonelela ngesikhokelo solawulo ngokuphathelele ekusetyenzisweni ngokusulungekileyo kwemithombo yeZiko loChazo-magama kuqkwa imali nabasebenzi.

Emva kokubeka phantsi koMhleli oyiNtloko, kuTshaziimpuzi kowama-2012, iBhodi yagunyazisa owayesakuba nguMncedisi-mhleli ukuba abambe njengoMhleli oyiNtloko. Omnye womsebenzi owasingathiswa uMhleli oyiNtloko obambeleyo kukuqosheliswa kwesichazi-magama seziBalonzulu neNzululwazi ukuze sibe nokulungela ukupapashwa kunyaka-mali wama-2013/14.

Kwakhona iBhodi yahambisana nenkqubela esele yenziwe kwamanye amaphulo amabini aqhutywa kunye nephulo lesichazi-magama seziBalonzulu neNzululwazi. La maphulo mabini sisichazi-magama esilwimi-ntathu; isiXhosa, isiNgesi nesiAfrikansi kwanesichazi-magama esilwiminye sesiXhosa kuphela.

Umsebenzi wokuqulunqwa kovimba wesigama wesichazi-magama esilwiminye sele uqoshelisiwe. Kungokunje igqiza lohlelo limaxhaphetshu ekuqulunqeni uvimba wesigama sesichazi-magama esilwimi-ntathu. Yomibini le misebenzi ivunyiwe yiBhodi. IZiko loChazo-magama likwafakana imilomo nabapapashi ukwandlalela ukupapashwa kwale miqulu yezichazi-magama. Ukho ke umngeni esigagana nawo kula matiletile kuba abapapashi abarhwebayo abanawo umdla wokupapasha umsebenzi obhalwe ngeelwimi zesintu. UMhleli oyiNtloko ucebise iBhodi ukuba iphonononge iqhinga lokuzipapashela. Nangona inqwala iBhodi kwingcamango yokuzipapashela kodwa ikwanalo uluvo lokuba abapapashi abarhwebayo mabangacezelwa ngokupheleleyo nabo.

5.3 Imingeni yezolawulo egagana nayo iBhodi

IBhodi yabaLawuli yahlulwe yaba ziikomiti ezimbini; iKomiti yoLawulo neKomiti yobuGcisa. IKomiti yoLawulo iqwalasela imiba yolawulo neyemali ngelixa yona iKomiti yobuGcisa iqwalasela imiba yohlelo. Umngeni ezigagana nawo ezi komiti ngowenani elifanelekileyo lokuhlala intlanganiso. Ngokwenani, iBhodi ibinamalungu ali-9, aza asala ema-6 emva kokuba kubeke phantsi amalungu ama-3 eBhodi. Eli nani liyibeka engxakini iBhodi kuba qho xa kukho umba otshisa ibunzi, iBhodi ayikwazi ukufikelela kwinqanaba elifunekayo. Umngeni wesibini ngowokuba, njengoko amalungu eBhodi ingabantu abakwizikhundla ezizigxina, kuba nzima ukuba bakwazi ukuzimasa iintlanganiso zeBhodi.

5.4 Iintlanganiso zeBhodi

Zibe ntathu iintlanganiso zeBhodi kulo nyaka-mali kunikwa ingxelo yawo, zibe ngale mihla ilandelayo:

29 kweyeSilimela 2012, 1 kweyeNkanga 2012 nangowama-22 kweyeKwindla 2013. IZiko libambe iintlanganiso ezimbini zeKomiti yoLawulo ngomhla wama-21 kweyeKwindla 2012 nangomhla we-15 kweyeMdumba 2012. IKomiti yobuGcisa nayo ihleli iintlanganiso zambini; ngomhla wama-21 kweyeMsintsi 2012 nangomhla we-2 kweyeNkanga 2012.

Olu phononongo lwenkcitho luquka iintlanganiso zesiqophe eziye zazinyaswa ngamalungu eBhodi nanguMncedisi-mhleli obambeleyo ngale mihla ilandelayo:


Oxford University Press: 23 kuTshaziimpuzi 2012, 10 kweyeKhala 2012. Intlanganiso yeBookfair eBhayi: 15 kweyeKwindla 2013. Intlanganiso yokulungiselela iBhodi: 21 kweyeKwindla 2013.

Itheyibhile yoku-1 engezantsi ibonisa inkcitho yeBhodi kulo nyaka-mali. Le nkcitho ubukhulu becala iphathelile kwiindleko zokubanjwa kweentlanganiso. Itheyibhile 1: inkcitho yeBhodi 2012/2013

INKCITHO YEBHODI YABALAWULI			
Amagama	Isikhundla	Inani lentlanganiso	Isibonelelo: intlanganiso nohambo
Mnu Jadezweni M-W	uSihlalo	12	R 8,249.57
Gqrh. Mkonto N.	Ilungu beBhodi	5	R 4,461.67
Adv Gqrh Dzingwa O.	Ilungu beBhodi	7	R 4,096.05
Mnu. Tanda M.	Ilungu beBhodi	2	R 1,263.15
Njing Jafta D.N.	Ilungu beBhodi	0	R 0
Gqrh. Mdaka S.	Ilungu beBhodi	8	R 6,998.05
			R 25,068.49
Iintlanganiso zeBhodi, iintlanganiso zesiqophe nezinye iindleko			
linkomfa			R 20,968.00
Indawo zokulala			R 10,966.00
Imoto eqeshiweyo			R 5,645.82

Isithuthi sabantu		R 3,109.00
linqwelomoya		R 41,190.00
Izidlo		R 0
		R 81,878.82
	R 25,068.49	
	R 81,878.82	
Inkcitho iyonke	R 106,947.31	


Itshati 2: Inkcitho yeBhodi yonyaka-mali 2012-13



6 Abasebenzi beZiko loChazo-magama

IZiko loChazo-magama liwuqale lo nyaka-mali uphononongwayo linabasebenzi abahlanu; uMhleli oyiNtloko, uMncedisi-mhleli, uMphathi weOfisi, uMncedisi woMphathi weOfisi kunye noMlawuli wePhulo. Ngenyanga kaTshaziimpuzi 2012, uNhleli oyiNtloko uye walishiya eli Ziko waze uMncedisi-mhleli watyunjwa njengoMhleli oyiNtloko obambeleyo ukuya kutsho kweyoMqungu 2013. Ukumka koMhleli oyiNtloko kwavula isithuba kwicala lohlelo. Ngenxa yoko, iZiko loChazo-magama lagqiba kwelokuba lizandise izivumelwano zengqesho zabasebenzi ababini ukususela kweyoKwindla 2012 ukuya kweyoMnga 2013. Ezi zivumelwano zandiswa ngeenyanga ezine ukuya kwezintandathu. Isigqibo sokuba sandiswe okanye singandiswa kusini na isivumelwano sixhomekeka kubungakanani bomsebenzi weZiko ngelo thuba. Xa iZiko lithe lafumana imali, liya kuba nakho ukuvula isithuba soMncedisi-mhleli nezabahlali ababini abazizigxina.

Umboniso 1: Izikhundla zeZiko loChazo-magama



6.1 Uphuhliso lwabasebenzi

IZiko loChazo-magama liyabakhuthaza abasebenzi balo ukuba bazixhobise ngolwazi ngokuthi bandise imfundo yabo. Umzekelo, uMhleli oyiNtloko wenza izifundo zesidanga kuchazo-magama. UMphathi weOfisi yena wenza izifundo kwezoqoqosho nolawulo. Sinethemba lokuba le mizamo iya kuwuphakamisela phezulu nangakumbi umsebenzi weziko loChazo-magama.

7 Imisebenzi

La macandelo angezantsi aya kuqwalasela iinkalo ezahlukeneyo kwiZiko loChazo-magama.

7.1 ULawulo lwabaSebenzi nemiThombo yeMali

Kwiindlela zoLawulo lwabaSebenzi, iZiko loChazo-magama lilandela imimiselo yomThetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika, 1995 ngokuphathelele kwiimeko zempangelo zabasebenzi. IZiko loChazo-magama likwaqwalasela nemeko yokusebenza yeYunivesithi yaseFort Hare.

Kwimisebenzi yalo, iZiko loChazo-magama lilandela umthetho wesizwe ingakumbi umThetho weeNkampani, 2008; umThetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 nemiMiselo kaNondyabo weSizwe ngokuphathelele ekusetyenzisweni kwemali efunyanwa kwiBhodi yeeLwimi zoMzantsi-Afrika. IOfisi yamaPhulo yeYunivesithi yaseFort Hare incedisa kulawulo lwemali. IYunivesithi yaseFort Hare ikwalawula zonke

iiakhawunti zebhanki zeZiko loChazo-magama kwaye ikwancedisa nakwimiba ekufuneka ilandelwe.

7.2 linkqubo zolawulo lweofisi nemigaqo

Iziko loChazo-magama liphonononge iinkqubo zolawulo zangaphakathi nemigaqo ngenjongo yokuphucula umgangatho womsebenzi. Kuqulunqwe iifom zezicelo kwaye zisetyenziswa njengamaxwebhu akhapha izicelo ezenziwayo neentlawulo.

Kwakhona, iZiko loChazo-magama lithathe amanyathelo okuphucula ulawulo lwamaxwebhu akwikhompyutha oluquka ukusikena nokuthunyelwa kwamaxwebhu ngeimeyile ngaphakathi. Oku kwenzelwe ukucutha iindleko zokusetyenziswa kwefeksi, ingakumbi amaxwebhu entlawulo athunyelwa kwiOfisi yamaPhulo. Sinethemba lokuba oku kuya kusebenza kakuhle nasekukhangelweni kweenkcukacha kusetyenziswa ikhompyutha. Ngaphezu koko, kuphuculwe nezikhokelo zokufayilisha.

Kuqulunqwe incwadi yeempahla zeZiko enebhakhawudi kunye nomgaqo-nkqubo wokukhutshwa kwempahla yeZiko. Oku kuncede iZiko ekuqinisekiseni ngexabiso nangokonakala kwempahla yalo. Nangona incwadi yeempahla igcinwe kakuhle kwaye ihlaziywa ngawo onke amaxesha, ingxelo yophicotho-ncwadi ibangule ubuthathaka kunyaka-mali wama-2011/12

nakowama-2012/13. Ukuhlangabezana nale meko, abaphicothi-ncwadi bacebise ukuba yonke impahla enexabiso elingaphantsi kwe-R1 500 ikhutshwe kwincwadi yeempahla, ize ibhalwe kwenye indawo kuba iyakhawuleza ukonakala. Kulo nyaka-mali uphononongwayo, kuthengwe iikhompyutha ezintathu ukukhawulelana nomsebenzi wokuhlakulela ukwenziwa kwezichazi-magama.

Xa iZiko loChazo-magama lithenga iikhompyutha liye lincediswa kakhulu licandelo le-ICT leYunivesithi. Oku kulunceda iZiko loChazo-magama ekulandeleni imigaqo yokuthenga nasekulandeleni imigaqo-nkqubo yentengo yempahla. Kwakhona le ndlela yokuthenga iluncedo kwiZiko loChazo-magama kuba izinto ezithengwayo zifunyanwa ngamaxabiso aphinyiswe yiYunivesithi.

7.3 Unxibelelwano nentengiso



USihlalo weBhodi yabaLawuli, uGqr. M-W Jabezweni



UMphathi wePhulo weZiko loChazo-magama, uNkszn P Ngqeza ebonisa esenza intetho kwi-Nelson Mandela Bay Book Fair ngemiqulu yezichazi-magama zesiXhosa.

Iziko loChazo-magama libonise ngemveliso yalo kwiindibano zasesidlangalaleni ezininzi kunyaka-mali ekuphononongwa wona. Ezo ndibano zasesidlangalaleni ziquka ezi:

- 15 – 17** kweyoKwindla 2012: Book Fair Day kuMasipala oMbaxa waseNelson Mandela, eBhayi.
- 11 – 12** kuCanzibe 2012: Indibano yocweyo lwesigama yeSebe lezeMfundo eMpuma-Koloni.
- 27 – 28** kweyoMsintsi 2012: INkomfa yesine yoLwimi yeeNgcaphephe zabaNtsundu kwiZiko iMirriam Makeba, eMonti.
- 26 – 28** kweyoMsintsi 2012: Indibano yocweyo lwesigama kwiYunivesithi yaseKapa yobuChwepheshe.
- 04 – 05** kweyeNkanga 2012: Indibano yocweyo lwesigama yeSebe lezeMfundo eMpuma-Koloni.
- 14 – 16** kweyoKwindla 2013: Book Fair Day kuMasipala oMbaxa waseNelson Mandela, eBhayi.

Kukwezindibano apho iZiko loChazo-magama lathi lanakana imfuneko yokuzithengisela izichazi-magama endaweni yokuba abathengi baziodole

izichazi-magama kwaNutrend Publishing. Ukuthenga ngokufaka iodolo kuyalibazisa. IZiko likholelwa ukuba xa izichazi-magama zinokugcinwa kwiofisi yalo, kungalula ukuzithengisa ebantwini. IZiko loChazo-magama liqulunqe iwebhusayithi apho abathengi banokufaka khona iiodolo zabo okanye bathumele izicelo zabo kwaNutrend. Ngale ndlela zingathunyelwa iifom zeeodolo kwaNutrends. Abathengi bangafaka iiodolo, bahlawule aze ke yena uNutrend athumele izichazi-magama ngekhuriya.

7.4 Ubambiswano neenkomfa

Luninzi ubambiswano elinalo iZiko loChazo-magama namanye amaziko. Nomsebenzi owenziwa liZiko loChazo-magama uboniswe kwiinkomfa ezininzi. Iinkcukacha zoko zichaziwe apha ngezantsi. Ubambiswano phakathi kweZiko loChazo-magama neYunivesithi yaseRhodes

Iziko loChazo-magama lisungule ubambiswano

neCandelo loLwimi lweYunivesithi yaseRhodes ingakumbi kwimiba ephathelele kuchazo-magama. La maziko mabini avumile ukusebenzisana kuchazo-magama nasekubhalweni kwezichazi-magama. Kwinyanga yoMsintsi kowama-2012, umhlohli wochazo-magama, uGqr. Nkomo, ekhatshwa ngabafundi besifundo sochazo-magama aba-3, batyelela iZiko loChazo-magama ngenjongo yokuza kuzibonela okwenzekayo xa kuqulunqwa isichazi-magama. Kwangolo tyelelo uGqr. uNkomo wafumana ithuba lokuthetha nabasebenzi beZiko loChazo-magama ngemiba ephathelele kwithiyori yochazo-magama nangokuqulunqwa kwesichazi-magama. Kwakolo tyelelo, la maziko mabini avumelana kwelokuba abe nemiba ayipapashayo ngekamva lochazo-magama lwesiXhosa kujongwe emva, kwixesha esikulo nakwixesha elizayo. UMhleli oyiNtloko weZiko loChazo-magama naye ukhe wayityelela iYunivesithi yaseRhodes ngomhla wesi-6 nowesi-7 kweyoMnga 2012 ukuya kubonisana noGqr. uNkomo ngephepha likalindixesha eliza kubhalwa.



Igqiza leYunivesithi yaseRhodes kutyelelo lweZiko loChazo-magama kwiYunivesithi yaseFort Hare. Ukusuka ekhohlo: Zola Wababa, Nompumelelo Quntu noMatilda Matlotlo. Ukusuka ekunene: Wanga Gambushe, Gqr Dion Nkomo



Utyelelo lweYunivesithi yaseRhodes liZiko loChazo-magama. Ukusuka ekhohlo: Zola Wababa, Bulelwa Nosilela noDion

linkomfa ezizinyasiweyo

UMhleli oyiNtloko obambeleyo uzimase inkomfa yeAfrilex ngomhla ebingomhla wesi-3 ukuya

kowesi-5 kweyeKhala 2012 kwiYunivesithi yasePitoli apho wenza khona intetho esihloko sithi; Developing Mathematics and Science pedagogic dictionary: some challenges.

8 Ukwenziwa kwesichazi-magama

IZiko loChazo-magama alibanga nakho ukwenza isichazi-magama kunyaka-mali ophelileyo ngenxa yokungabi namabsebenzi aboneleyo. Emveni kokuba kumke uMhleli oyiNtloko ngekaTshaziimpuzi 2012, uMncedisi-mhleli oqeshwe ngokusinya ngeyeKhala 2011 nguye kuphela owayesingethe umsebenzi wokuhlela. Umsebenzi wakhe uquka ukubhala nokulungiselela isichazi-magama ngelixa kufuneka elawule neZiko loChazo-magama. Nangona kunjalo, la maphulo alandelayo aba nokuqosheliswa: ukuphuculwa kovimba wesigama, isichazi-magama esilwiminye (esesiXhosa kuphela), isichazi-magama esilwimi-ntathu kunye nesichazi-magama sezibalonzulu nenzululwazi.

Omathathu la maphulo akwizigaba zoqulunqo ezahlukeneyo. Amanye amaphulo angenziwa ngokulula kuvimba wesigama seintanethi nakowesigama sesiXhosa. Angasetyenziswa nje ngokulula ngabaphandi, ngabasebenzi ngolwimi nangabantu. Apha ngaphantsi kudweliswe iingxelo ngenkqubela esele yenziwe kula maphulo mathathu. Masiqaphele ukuba lo msebenzi ngumsebenzi oqhubayo.

8.1 Ingxelo yephulo loku-1: Concise Greater Dictionary of IsiXhosa

Ingxelo yenkqubela yonyaka-mali wama-2012/13		Ingxelo emfutshane
Isihloko stphulo: Concise Greater Dictionary of IsiXhosa		Ukucetywa nokunikwa kwengxelo
Umxhasi wephulo: PanSALB	UMphathi wephulo: Mnu Zola Wababa (uMhleli oyiNtloko)	

Intshayelelo

Eli phulo lithathelwe kumQulu wesiChazi-magama sesiXhosa esiyimiqulu emikhulu emithathu. Injongo yeli phulo kukuba nesichazi-magama esingemqulu mkhulu nesinokusetyenziswa ezikolweni nangabafundi bamaziko emfundo ephakamileyo. Injongo esinayo kukucutha umqulu wesichazi-magama ube yincwadana ephathekayo nenokusetyenziswa ngabafundi kuwo onke amanqanaba. Siqaphele ukuba kunzima ukuba abafundi bangawuphatha umqulu wesichazi-magama okhoyo ngenxa yobukhulu bawo. Kungoko sigqibe kwelokuba siwucuthe lo mqulu wesichazi-magama ukhoyo.

Igqiza elihlelayo likhe lakhangela ukuba alinakufumana iingcombolo zale miqulu na ezinokuba kwimo yekhompuyutha, kodwa azibangakho. IZiko loChazo-magama liye layalela inkampani yabucala ukuba iguqule umqulu wesi-2 nowesi-3 wesichazi-magama ube kwimo enokusebenza kwikhompuyutha. Ekupheleni konyaka wama-2010 yafumaneka inkampani yaseKapa enokuwenza loo msebenzi aza ke amaxwebhu athunyelwa kuyo.

Umsebenzi wokukhutshelwa kwale miqulu usungulwe ngeyoKwindla 2011 waza waqhuba waya kutsho kunyaka-mali wama-2012/13 apho yomithathu imiqulu yesichazi-magama yatshintshelwa kwimo kaWord. Iinkcukacha ezilapho zasetyenziswa kwaqulunqwa isichazi-magama esitsha esibizwa ngokuba yiConcise Greater Dictionary of isiXhosa. Ukuza kuthi ga ngoku, igqiza elihlelayo liqulunqe uvimba weenkcukacha weli phulo kwaye nemiqulu yesichazi-magama sele iguqulelwe kwimo kaWord. Isigaba sokuqala sesokuguqulwa kweelwimi zontathu zibe kwimo kaWord. Kwenzekile oku. Igqiza elihlelayo ngoku limaxhaphetshu kwisigaba sesibini sephulo apho lisusa zonke izangotshe zolwimi, izaci nokucuthwa kwemizekelo nezivakalisi ezicacisa intsingiselo yegama.

Iinjongo zephulo

- ➔ Ukuqulunqa oovimba kwikhompuyutha: uluhlu lwamagama, isichazi-magama sekhompuyutha nokuqulunqwa kwesichazi-magama esincitshisiweyo.
- ➔ Ukuqulunqa isichazi-magama esilwimi-ntathu esiya kufakelwa amagama amatsha ingakumbi kwicala lolwimi lwesiXhosa.
- ➔ Ukuqulunqa isichazi-magama esilwimi-ntathu ekulula ukusisebenzisa ingakumbi kubantwana besikolo nabaya kuba nakho ukusiphatha xa besiya esikolweni.
- ➔ Ukuqulunqa uvimba weenkcukacha oya kusetyenziswa kwiTshwaneLex ngenjongo yokuqulunqa isichazi-magama sekhompuyutha kwanesichazi-magama esiya kwaziwa njengeConcise Greater Dictionary of IsiXhosa.

Isigaba soku-1

Igqiza elihlelayo ligunyazise abancedisi bomhleli ababini ukuba benze iConcise Greater Dictionary of IsiXhosa. Lo msebenzi uya kuthatha iinyanga ezine. Usungulwe ngomhla woku-1 kweyoKwindal 2011 kwaye uya kuqhuba uya kuthi ga ngomhla wama-30 kweyeSilimela 2012. Lo msebenzi uqhube kwada kwayinyanga yoMnga 2012 kwaneenyanga ezi-3 zokugqibela kunyaka-mali.

Abancedisi bomhleli, uNksk Mboniswa noMnu Gosa, benza le misebenzi ilandelayo:

- ➔ Ukukhuphela zonke iinkcazelo zamagama zesiNgesi nezesiAfrikanisi ukuzisusa kwimo yesichazi-magama zibe nguvimba wesigama okwimo kaWord.
- ➔ Ukufomatha igama ngalinye ngokwalo mzekelo ulandelayo:
 - ⊙ Ifonti (Times New Romans)
 - ⊙ Ubukhulu befonti (12)
 - ⊙ Ukuqelelana kwemihlathi (umtsi omnye)
 - ⊙ Ukufaka iinombolo (ngqindlili)
 - ⊙ Ukucima zonke iimpazamo zokubhaliweyo (umz. # @ % * % \$)
 - ⊙ Ukudibanisa amagama aqhawukeneyo.

Zisakube zigqityiwe zonke iimodyuli ngokokulandelelana koonobumba, uMphathi wamaPhulo nabancedisi bomhleli baya kulungelelanisa iinkcazelo zamagama zesiXhosa, isiNgesi nesiAfrikansi ukuze baqulunqe uvimba opheleleyo.

Apha ngezantsi kudweliswe amanyathelo aya kulandelwa usakube uqoshelisiwe uvimba.

- ➔ Uvimba okwimo kaWord uya kutshintshelwa kwifomathi yeTshwanaLex ngale ndlela ilandelayo:
 - ⊙ Igama ngalinye liya kuncanyathiselwa kwibhokisi kwikholam enye.
 - ⊙ Inkcazelo yegama ngalinye iya kuncanyatheliswa kwibhokisi eyahlukileyo kwikholam eyodwa ecaleni kwegama.
 - ⊙ Ukuba igama lineentsingiselo ezininzi, intsingiselo nganye iya kuncanyatheliswa kwibhokisi eyodwa phantsi kwentsingiselo yokuqala.

Ngelixa kukotshwayo kuncanyathelisiwe, abancedisi bomhleli balindeleke ukuba bakhangele iziphene zopelo-magama naso nasiphina isiphene esingaba sikhona ukuze uxwebhu olo lungabi naziphene. Ngokwesivumelwano sengqesho, umntu ngamnye ulindeleke ukuba agqibe amaphepha ali-130 ngeveki khona ukuze iphulo libe nokuqosheliswa ngexesha elifanelekileyo.

Isigaba sesi-2

Abancedisi bomhleli bakwisigaba sesibini sephulo. Isigaba sesibini siquka ukususwa kwazo zonke iinkcukacha zolwimi, izaci nezangotshe, izixando okanye imizekelo engeyomfuneko kumqulu wesichazi-magama sesiXhosa. Le nkqubo ihamba kunye nenkqubo yokuqokelelwa kwamanye amagama asetyenziswa kwikharithulam. Amaxwebhu eSebe leMfundo esisiSeko aya kusetyenziswa ngenjongo yokuqokelela amagama asetyenziswa kwikharithulam.

IZiko loChazo-magama lifakana imilomo namajelo othungelwano lweendaba ukuba anxibelelane nabantu abanomdla nabalukhathaleleyo uphuhliso lolwimi lwesiXhosa. Kungokunje iZiko loChazo-magama linoluhlu lwesigama esiqokelelwe kufacebook. Yonke inkcazelo esuswe kumqulu wesichazi-magama iya kugcinwa kwenye indawo ngenjongo yokuba ibe nguvimba onokusetyenziswa kwixesha elizayo. AbaNcedisi bomhleli bamaxhaphetshu leli phulo kwaye besakuba besiqoshelisile esi sigaba sokucutha umqulu wesichazi-magama, baya kugqiba ekubeni bacuntsula kangakanani na ukongeza kwisichazi-magama esilwimi-ntathu. Siqulunqiwe isikhokelo sengxelo yomsebenzi owenziwe ngabancedisi bomhleli abaya kusisebenzisa kwingxelo yomsebenzi wabo qho ngemini. Esi sikhokelo sinceda ekukhangeleni umsebenzi owenziwe ngeveki nangenyanga. UMphathi wamaPhulo nguye obeka iliso kuyo yonke imisebenzi yemihla ngemihla. UMhleli oyiNtloko yena uphendla wonke umsebenzi owenziweyo qho ngeveki aze awutyikityele.

Apha ngezantsi kuboniswa isikhokelo sengxelo esiqulunqwe liZiko loChazo-magama: Umzekelo wesikhokelo sengxelo

Igama:		Umhla:			Utyikityo	
The Greater Dictionary of IsiXhosa (Umqulu 2)				Umncedisi-mhleli	UMphathi wamaphulo	Isihlomlo
Mvulo	Unobumba (lemmas) ukuya	Amaphepha ... ukuya ...	liyure			
Lwesibini	Unobumba (lemmas) ukuya	Amaphepha ... ukuya ...	liyure			
Lwesithathu	Unobumba (lemmas) ukuya	Amaphepha ... ukuya ...	liyure			

Imingeni ephambili

Imingeni eligagana nayo iZiko loChazo-magama kukungabi namava kwabaNcedisi bomhleli kumsebenzi wochazo-magama nasekubhalweni kwezichazi-magama. Iphulo loqulunqo lwesichazi-magama likwisigaba esibalulekileyo apho ubani kufuneka esebenzise isakhono sakhe ukuqoshelisa umsebenzi ophethweyo. Igqiza lohlelo lisebenzisa isikhokelo ukubaqhelanisa nalo msebenzi kodwa naxa kunjalo uyafuneka umntu onawo amava ekubhalweni kwesichazi-magama.

Uxanduva esijongene nalo kukuthatha isigqibo ngeenkukacha emazikhutshwe nemazingakhutshwa kumqulu wesichazi-magama njengokuba siqulunqa isichazi-magama esilwimi-ntathu. Xa sihlaziya umqulu wesichazi-magama kufuneka sazi ukuba sifaka iinkukacha ezingakanani kwaye sizikhetha njani. Asinto ilula ukuqulunqa isichazi-magama esifutshane, kude kube ngcono ukuqulunqa isichazi-magama esiphangaleleyo. Imibuzo eye ivele iba yephathelele kwiinkcazelo zamagama zokuqala nezilandelayo. Konke oku kukhankanywe ngasentla yimingeni esigagana nayo kweli phulo lesichazi-magama.

Izindululo nezicelo zothatho-zigqibo

Xa ithe yavela le mingeni, igqiza lohlelo liya kungqubana ngeentloko namanye amaziko ochazo-magama ingakumbi lawo eelwimi zesiNguni. Iingcaphephe zolwimi lwesiXhosa nazo ziya kuchwethwa, kuncazwe izimvo zazo ngaloo miba.

8.2 Ingxelo yephulo lesi-2: Iphulo lokuqulunqwa kovimba weenkukacha: isichazi-magama esilwiminye

Isihloko sephulo: Iphulo lokuqulunqwa kovimba weenkukacha: isichazi-magama esilwiminye	Ingqiqo nokunika ingxelo ngephulo
Umxhasi wephulo: PanSALB	UMphathi wephulo: Mr Zola Wababa (UMhleli oyiNtloko)
Ingxelo Yophuhliso	Ingxelo yoku- 1

1. Intshayelelo

Eli phulo lithathelwe kwisichazi-magama sesiXhosa esiyimiqulu emithathu. Injongo yalo kukuvelisa isichazi-magama esingesikhulu kakhulu nesinokusetyenziswa ezikolweni nangabafundi kumaziko emfundo ephakamileyo. Sijonge ukuhlanganisa imiqulu emithathu yesichazi-magama size senze isichazi-magama esincinane nesiphathekayo esinokusetyenziswa ngabafundi bawo onke amanqanaba.

Iggiza lohlelo lalisungula eli phulo ngokufuna ushicilelo lwemiqulu yomithathu yesichazi-magama olunokusetyenziswa kwikhompyutha kodwa babuya noboya bentenetya. Iziko loChazo-magama lagqiba kwelokuba likhangele ngaphandle kwamasango eYunivesithi inkampani enokuba nakho ukuguqula imiqulu emibini yesichazi-magama (owesi-2 nowesi-3) ube kwimo enokusetyenziswa kwikhompyutha. Kwafunyanwa inkampani yaseKapa ekupheleni konyaka wama-2010 yaza yawanikwa amaxwebhu esichazi-magama ukuze ibe nokuqalisa ngaloo msebenzi. Iphulo lona liqalwe ngoTshaziimpuzi 2011 ngokukhutshelwa kwemiqulu emithathu yesichazi-magama sibe kwimo kaWord, eya kwenza ukuba kube nokuqulunqwa kweenkcukacha eziya kusetyenziswa kwisichazi-magama sesiXhosa esicetywayo .

2. Injongo

- Ukuqulunqa oovimba beenkcukacha abanokusetyenziswa kwikhompyutha nalapho kunokufunyanwa khona iinkcukacha ezininzi: uluhlu lwamagama, isichazi-magama esikwikhompyutha nokwenziwa koshicilelo olushwankathelweyo lwesichazi-magama sesiXhosa.
- Ukukhetha amagama esiXhosa ngenjongo yokuqwalasela kwisichazi-magama sesiXhosa kuphela.
- Ukwenza isichazi-magama sesiXhosa esilwiminye nesisebenziseka lula ingakumbi kubantwana besikolo abanokusiphatha xa besiya eklasini.
- Ukuqulunqa uvimba weenkcukacha onokusetyenziswa kwiTshwaneLex ngenjongo yokwenza isichazi-magama sekhompyutha kunye neConcise Greater Dictionary of IsiXhosa.

3. Isigaba souk-1: Ukukhutshelwa kwe-rich text format kuWord

Isakube iguqulwe le miqulu, inyathelo elilandelayo yaba kukukhutshelwa nokuncanyatheliswa kwemo ye-RTF kwimo kaWord. Imiqulu emithathu yesichazi-magama yanikwa abasebenzi beZiko abathathu. Omnye wabo basebenzi banikwa lo msebenzi yayingumsebenzi waseofisini ekwanyanzeleka ukuba alahlule phakathi ixesha lakhe ukuze abe nokuncedisa kumsebenzi wohlelo.

Amaxesha afanelekileyo okwenziwa nawokungeniswa komsebenzi kwadliwana iindlebe ngawo, kwavunyelwana. Umzekelo, xa igqiza lohlelo lalisungula lo msebenzi, kwavunyelwana ukuba uya kwenziwa ngeenyanga ezintathu. Umhla wama-30 kweyeSilimela yaba ngumhla wokungeniswa komsebenzi. Abasebenzi abathi basingathiswa lo msebenzi nguNkszn N Ndabambi (umqulu woku-1, A-J), Nkszn P Ngqeza (umqulu wesi-2, K-P) noNksk. L Adonisi (umqulu wesi-3, Q-Z).

3.1 Inkqubo

Isakube iguqulwe yomithathu imiqulu yesichazi-magama kwimo ye-RTF, inyathelo elilandelayo yaba lelokusika nokuncamathisela kwi-RTF kwimo kaWord. Le miqulu yesichazi-magama yanikwa abasebenzi abathathu ukuba benze umsebenzi wokusika nokuncamathisela. Zabakho iimpazamo ezenziwayo ekuguqulweni kwale miqulu ibe kwimo kaWord. Oku kulandelayo kwafuneka kwenziwe ngethuba lokusika nokuncamathisela:

Ukukhutshelwa kwawo onke amagama neenkcazelo zesiXhosa kumqulu wesichazi-magama nokufakwa kwawo kuvimba weenkukacha olwiminye nokwimo kaWord.

Kwakhutshelwa onke amagama neenkcazelo zesiXhosa kuvimba weenkukacha opheleleyo ukususela kunobumba A-Z.

Kufomethwe igama ngalinye ngolu hlobo:

- ⦿ Ifonti (Times New Romans)
- ⦿ Ubukhulu befonti (12)
- ⦿ Ukuqelelana kwemihlathi (umtsi omnye)
- ⦿ Ukufaka iinombolo (ngqindlili)
- ⦿ Ukucima zonke iimpazamo zokubhaliweyo (umz. # @ % * % \$)
- ⦿ Ukudibanisa amagama aqhawukeneyo.

4. Inkqubela ekukhupheleni nasekuncamatheliseni irich text format kwimo kaWord

Umqulu1 (Alphabet A-J)
Bagqityiwe oonobumba

Umqulu 2 (K-P)
Bagqityiwe oonobumba.

Umqulu 3 (Q-Z)
Bagqityiwe oonobumba

5. Isigaba sesi-2

Zisakube zigqityiwe zonke iimodyuli ngokokulandelelana koonobumba, uMphathi wePhulo uya kulungelelanisa oonobumba ngokulandelelana kwabo ukuze babe nokwenza uvimba weenkukacha zesichazi-magama sesiXhosa esilwiminye ogqibeleleyo.

Apha ngezantsi kudweliswe amanyathelo aya kulandelwa esakube eqoshelisiwe uvimba weenkukacha.

Uvimba weenkukacha okwimo kaWord uya kutshintshelwa kuExcel ngale ndlela ilandelayo:

Igama ngalinye liya kuncanyathiselwa kwibhokisi kwikholam enye.

Inkcazelo yegama ngalinye iya kuncanyatheliswa kwibhokisi eyahlukileyo kwikholam eyodwa ecaleni kwegama.

Ukuba igama lineentsingiselo ezininzi, intsingiselo nganye iya kuncanyatheliswa kwibhokisi eyodwa phantsi kwentsingiselo yokuqala.

Ngelixa kukotshwayo kuncanyathelisiwe, abancedisi bomhleli balindeleke ukuba bakhangele iziphene zopelo-magama naso nasiphina isiphene esingaba sikhona ukuze uxwebhu olo lungabi naziphene.

6. Isigaba sesi-3

Zonke iimodyuli ziya kutshintshelwa kumathumbu ekhompuyutha yeTshwaneLex ngenjongo yokuba zihlelwe nokuba zilungiselelwe isichazi-magama esiya kuba yile nto sifuna sibe yiyo.

7. Imingeni ekugagenwe nayo

